URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Deborah Williams**
ICandelo loLawulo loVavanyo
Deborah.Williams@westerncape.gov.za | 021 467 2407

Inombolo yefayili: 19/4/10/2
Isalathiso: 20240826-6290

INgcaciso eMfutshane yoLawulo loVavanyo: 0016/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zamaziko alungiselela abaviwa kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

**Isihloko: Ifuthe lokuqalwa phambi kwexesha elilindelekileyo kweemviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke zangoNovemba 2024 kwiiprogram zokuphela konyaka nakwiinkqubo zokumakishwa kwamaphepha eemviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke**

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe *iWCED*) lizibophelele ekuqinisekiseni ukusetyenziswa ngokupheleleyo kwexesha lokufunda nokufundisa, ngoko ke, le ngcaciso imfutshane yeyokwazisa iinqununu kwangethuba ngemihla ebalulekileyo ukuqinisekisa ukwenziwa kwesicwangciso esisebenzayo seeprogram zokuphela konyaka.

2. Le ngcaciso imfutshane mayifundwe kunye nezi setyhula/nezi ngcaciso zimfutshane zazikhutshwe ngaphambili:

| Isetyhula/Ingcaciso emfutshane | Isihloko | Umhla wokupapashwa |
|---|---|---|
| INgcaciso eMfutshane yoLawulo loVavanyo 0003/2024 | Kucelwa izicelo zezithuba zeemodareyitha zangaphakathi, abamakishi abaziintloko, amasekela-bamakishi abaziintloko, abamakishi abaneqhuzu nabamakishi ukulungiselela iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke zangoNovemba 2024, zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke zangoJuni 2025 nezeSatifikethi seMatriki zangoJuni 2025. | 15 Februwari 2024 |
| ISetyhula 0009/2024 | Ukuhamba isikolo kwabafundi beBakala 4 ukuya kwele-12 ngethuba nasemva kweemviwo novavanyo lwangaphakathi oluqhubekela esikolweni lwangoJuni 2024 nolwangoNovemba. | 19 Matshi 2024 |

| | | |
|---|---|---|
| ISetyhula 0020/2024 | Ithayimtheyibhile yokugqibela yeemviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke zangoNovemba 2024. | 08 Julayi 2024 |

3. Iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke zangoNovemba (*NSC*) ziya kuqala ngoMvulo, we-**21 Oktobha 2024**, zize zigqitywe ngoLwesine, we-**28 Novemba 2024**.

4. Iiklasi zesiqhelo zabafundi beBakala 12 maziqhubeke kude kube ngoLwesihlanu, **11 Oktobha 2024**, ukuqinisekisa ukuba lisetyenziswa kangangoko kunokwenzeka ixesha lokufundisa. Kucelwa iinqununu ukuba zenze amalungiselelo omsitho wokusayina nokuzibophelela kwimigaqo yokubhalwa koviwo ***(pledge ceremony)*** kwiveki yowe-**07 ukuya kowe-11 Oktobha 2024** ukukhumbuza abaviwa ngokubaluleka kokuzibophelela ukuyithobela imithetho yeemviwo nokuthathela ingqalelo iziphumo zokungakwenzi oku.

5. Izikolo ezifundisa amaBakala **10 nele-11** zikhunjuzwa ukuba iimviwo azinakuqala phambi koMvulo we-**11 Novemba 2024**. Nakuba kunjalo, izikolo zingenza isicelo semvume yokuqala phambi kwexesha elilindelekileyo kumlawuli wesithili.

6. Izikolo ezifundisa amaBakala **7 nele-8** azinakuziqala iimvavanyo ezibhalwa kumsebenzi osele ufundisiwe (*controlled tests*) zazo/iimvavanyo zokuphela konyaka phambi koMvulo, we-**18 Novemba 2024**.

7. Izikolo ezifundisa **amaBakala 4 ukuya kwele-6** azinakuqala iimvavanyo ezibhalwa kumsebenzi osele ufundisiwe (*controlled tests*) wazo phambi koLwesithathu, **we-20 Novemba 2024.**

8. Ootitshala, abacebisi ngezifundo nabacwangcisi bekharityhulum abaneqhuzu (*senior curriculum planners*) bayacelwa ukuba benze izicelo zezithuba zeemodareyitha zangaphakathi, amasekela-bamakishi abaziintloko, abamakishi abaneqhuzu nabamakishi ukulungiselela iimviwo ze-*NSC* zangoNovemba 2024 neemviwo ze-*NSC* zangoJuni 2025 nezeSatifikethi seMatriki. Iziphumo zenkqubo yokuqeshwa kwabo ziya kukwaziswa ngexesha elifanelekileyo kubamakishi abanezicelo eziphumeleleyo.

9. Umhla wokuqala wethuba lokumakisha uxhomekeke kwinani elilindelekileyo lezikripthi zeempendulo eziza kufumaneka xa kuthelekiswa nenani lootitshala, abanamabanga emfundo afanelekileyo nabanamava okufundisa afunekayo nabenze isicelo sokuqeshwa njengommakishi wesifundo/wephepha ngalinye. ISebe i*WCED* libenako ukuyilawula le mihla kwixesha elidlulileyo ngokuthi iyichaphazele ngokungephi iiprogram zokuphela konyaka zezikolo, nakuba kunjalo oku akusayi kubanjalo ngo-2024.

10. Ngokwesicwangciso solawulo sikazwelonke, zonke iinkqubo ezinxulumene nokumakisha izikripthi zeempendulo zeMviwo ze-*NSC*, kuqukwa nokufakwa kwikhompyutha kwamanqaku, kufuneka zigqitywe ngowe-<u>13 Disemba 2024</u> ukulungiselela ukuba iSebe leMfundo esiSiseko no-Umalusi, baziqukumbele iinkqubo zokungqinisisa ukuchaneka kweemviwo.

11. Ngoko ke, iSebe i*WCED* licela zonke iinqununu ukuba zivumele iikomiti zolawulo lokumakishwa kwezikripthi zeempendulo *(marking management teams)* namagosa amakishayo ukuba afike kumaziko okumakishela ngolu hlobo kulandelayo:

| | |
|---|---|
| Iikomiti zolawulo lokumakishwa kwezikripthi zeempendulo (abamakishi abaziintloko, iimodareyitha zangaphakathi, amasekela bamakishi abaziintloko, abamakishi abaneqhuzu) | NgoLwesihlanu, **we-29 Novemba 2024** ngo-12:00 |
| Abamakishi | NgoMgqibelo, **we-30 Novemba 2024** ngo-08:00 |

12. Kunyanzelekile ukuba abekhona onke amagosa amakishayo <u>kuqeqesho lwabamakishi lweentsuku ezimbini</u>, ngowe-30 Novemba 2024 nangowe-01 Disemba 2024.

13. ISebe i*WCED* linolwazi lokuba ukukhululwa kwamagosa amakishayo kuya kuchaphazela iprogram yokuphela konyaka yezikolo eziphakamileyo ezininzi nokuba ezinye izikolo zinganootitshala abaninzi abaya kuqeshwa njengamagosa amakishayo. Kwezi meko, iinqununu mazibonisane nomlawuli wesithili othile ngokugqitha kumlawuli wesekethe wabo ukuze kufunyanwe imvume yokuyiqalisa phambi kwexesha elilindelekileyo iprogram yovavanyo lwangaphakathi yabo/iimviwo zokuphela konyaka. Kucelwa iinqununu ukuba xa zisenza isicwangciso sazo zithathele ingqalelo imihla yokukhululwa kwamagosa amakishayo. Iintlanganiso zangaphakathi zenkqubo yokudlulela kwelinye ibakala nokupasa kwabafundi kuya kufuneka ukuba zicwangciswe ngendlela evumela amagosa amakishayo ukuba akwazi ukufaka igalelo kuzo phambi kokuba aye kumaziko okumakishela iimviwo.

14. Ngenxa yamaxesha amiselweyo angqongqo afunyenweyo noxinzelelo olongezelekileyo lokugqiba ukumakishwa kwezikripthi zeempendulo ezimalunga ne-800 000 nangaphezulu ngexesha elimiselweyo, iSebe i*WCED* malicele kwiinqununu zezikolo eziphakamileyo ukuba zilincedise ukuzilawula iinguqu zokumka kootitshala ukuya kumaziko okumakishela iimviwo, ngeyona ndlela iya kuyiphazamisa ngokungephi imeko-bume yesikolo ngasinye.

15. ISebe i*WCED* kwakhona licela iinqununu ukuba zinike inkxaso kwinkqubo yokumakisha iiMviwo ze-*NSC*.

16. Kucelwa ukuba nazise okukule ngcaciso imfutshane onke amagosa achaphazelekayo ukuze akuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-BJ LORISTON
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO**
**UMHLA:** 2024-09-04


wcedonline.westerncape.gov.za
Employment and salary enquiries: 0861 819 919 | Safe Schools: 0800 45 46 47
Western Cape Education Department